# GO DIGITAL SOUTH AFRICA

IsiXhosa

## IIDEKHOWUDA EZIXHASWA NGURHULUMENTE
### TYELELA IPOSI YAKHO EKUFUTSHANE UKUYA KUFAKA ISICELO
### INDLELA YOKUFANELEKA



1

### UBUNGQINA BOBUNINI:

Ingxelo efungelweyo iza kunikwa yiPosi iqinisekisa ubunini beseti kamabonakude esebenza kakuhle.



2

### UBUNGQINA BOBUMI BOMZANTSI AFRIKA:

Uxwebhu lwesazisi (ID)oluluhlaza olunebhakhowudi olusemthethweni OKANYE IKhadi le-Smart ID loMzantsi Afrika.




3

### UBUNGQINA BENGENISO YOMZI:

- Ingeniso yomzi kufuneka ibe ngama-R3500 okanye ngaphantsi ngenyanga;
- Isiliphu somvuzo esivela kumqeshi;
- Ileta eqinisekisa ingeniso evela kumqeshi kubantu abangazifumaniyo iziliphu zemivuzo;
- Isiteyitimenti sebhanki esiqinisekisiweyo seenyanga ezintathu kubantu abaneeakhawunti zebhanki;
- Imizi exhomekeke mhlawumbi kwinkxaso yomntwana, yabantu abadala kunye/okanye yokukhubazeka kufunwa ukuba inike isiqinisekiso sokufumana iinkxaso-mali zentlalo ezinjalo; okanye
- Ingxelo efungelweyo iza kunikwa ePosini kwiimeko ezo kungekho ngeniso khona (kungaphangelwayo).



4

### UBUNGQINA BEDILESI YESITALATO/INDAWO YOKUHLALA:

- Ibhili kamasipala, iakhawunti yevenkile, isiteyitimenti sebhanki, njl. njl. esibonisa ngokucacileyo idilesi yesitalato yomfaki sicelo);
- Ileta esayiniweyo evela kwindlu yengingqi yeenkokeli zemveli okanye kuceba wewadi kwimizi engenazo iidilesi ezibhaliweyo zezitalato;
- Ileta esayiniweyo evela kumqeshi;
- Imbalelwano evela kumntu oqeshe kuye okanye kwiqumrhu elilawula indawo ebonakalisa umfaki sicelo njengomnini/oqeshileyo/umhlali; okanye
- Ingxelo efungelweyo iza kukhutshwa yiPosi apho ubungqina bedilesi yesitalato bungenakunikwa.

0860 736 832 | Go Digital ZA | GODIGITALZA

communications & digital technologies
Department:
Communications & Digital Technologies
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

GO DIGITAL

2030 NDP